ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-TATU
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu.

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d, zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, NGOLWESI-TATU, OCTOBER 18, 1893. [Vol. IX, No. 467


## DYER DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## Impahla Entsha Efikileyo.

Ibhulukwe Zamadoda ze Kodi 5s. 6d, 6s. 6d. ne 7s. 6d.
„ „ ze Twidi 3s. 6d., 4s. 6d. ne 10s.
„ „ (Ezisikiweyo Zona) 8s. 6d. ne 9s. 6d.
Ibhatyi Zamadoda ze Twidi ziqala 4s. 6d. ne 10s.
Indulubhatyi Zamadoda ziqala kwi 3s.
Ihempe Zamadoda Zokusebenza 1/-, 1/3, 1/6 ne 3/- inye.
Ihempe Zamadoda Ezimhlope Ezihayinwayo ziqala kwi 3s. inye.
Isuti ze Twidi Zamadoda ziqala kwi 11 6 inye
Isuti Zamadoda ze Diagonal Tweed Emnyama ziqala kwi 25/-.
Ezimnyama Ibhatyi ne Ndulubhatyi Zamadoda Zomtshato ziqala 22/6
Ibhulukwe Zamadoda Ezipakamileyo Zomtshato (zisikwe kakuhle) 7/6

Iminqwazi Emitsha, Ityali, Ibhulankete, Amaqhina, Ihangutyefu, i Underpants ne Vests, Ibhutsi ne Shuzi, ne zi-Tadi, njalo-njalo.

SISANDUL'UKUFIKELWA YIMPAHLA ENTSHA YE

CRICKET neye LAWN TENNIS

IBHATI ne BAILS, IZITAMPU, I-LEG GUARDS, I-GLOVES, TENNIS RACQUETS, NETTS, IBHOLA, nayo yonke into.

AMAXABISO AHLISiWEYO KWI CLUBS.

*Pambi kokuba nitenge tumelan i izicelo itunyelwe Uluhlu Lwamanani*

Impahla Yabafundisi—Iminqwazi ne Kolala, i Makentoshi, njalo-njalo.

*EYONA NDLU IGQITISILEYO NEYONA ITSHIPU KUZO ZONKE*

## DYER NO DYER,

E-QONCE

## ITUBA LOKWENZA IMALI.

Zisani bonke UBOYA benu
Zisani bonke UBOYA BEBHOKWE
Zisani wonke UMBONA wenu
Zisani onke AMAZIMBA enu
Zisani yonke INGQOLOWA yenu
Zisani yonke IHABILE yenu.

Nayo yonke enye imveliso eninayo naniya kufumana amanani Apakamileyo e Cash ngayo—YIZANI KUBEKANYE, naniya kuhlala nisiza ko

-----

JAMES HODGES and CO.

QUEENSTOWN

A Wonderful Medicine.

## BEECHAM'S

## PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as wind and and Pain in the Stomach, Sick Headache, Diddiness. Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushing; of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILE GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a
Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;
they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs ; Strengthening the muscular System ; restoring the long-lost Complexion ; bringing back the keen edge of appetite, and amusing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing fevers in hot climates they are specially renowned. Those are " facts '' admitted by thousands, in all classes of society and one of the key guarantees to the Nervous and Debilitated is that Beechams *Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helena, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

## NGOKUNJE LIXESHA.

## Amacham! Amacham!

NGEZIVEKI ZIMBALWA ZIZAYO, sitengisa YONKE IMPAHLA YETU EPAMBILI,

Iblankete, Imichako Yelokwe, Iprinti, Ikeleko, nempahla Yamanene kunye ne Dyasi

## Ngamanani Atotywe Kakulu.

-----------

Xa niza e Komani, qinisekani ukuza kusivelela

-----------

## Sowden, Mitchell, and Stoddart.

CATH CART ROAD

QUEENS TOWN


## PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benawo.

ESTABLISHED 1814.




(Opposite the Head Offices of the Church Missionary Society).

## IMPORTERS EXPORTERS

| OF | * OF |
|---|---|
| FIBRES OF ALL KINDS, | MANCHESTER GOODS, |
| DRUGS, DRYSALTERIES, | DRAPERY, WOOLLENS, |
| SPICES, HIDES, SKINS, | MEN'S CLOTHING, |
| TEA, COFFEE, COPRA, | PROVISIONS, |
| SUGAR GUMS, CURIOS, | IRONMONGERY, |
| GENERAL PRODUCE, | TOOLS & MACHINERY. |

REFERENCES Customers in all parts of THE WORLD.

We will send, post free, on application, our recently published Volume on

" THE PRODUCE'S OF THE WORLD"

Every Planter, Estate Manager, or Produce Merchant should have a copy. It is the only volume of its kind ever published.

*TEEMS, SAMPLES, AND ILLUSTRATED CATALOGUES BY RETURN MAIL*

## JOHN HADDON & CO.,

COLONIAL & INDIAN MERCHANTS,

Bouverie House, Salisbury Square, E,C.

Cablegrams—"Dilutum, London." A B-C. Code used Fourth Edition

LEMINYAKA I 18 IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU B0DWA, Igama lazo yi ''EXTRA NAVY or MATTROSS" '*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

## Beauchamp, Booth &Co.

EYONA VENKILE INKULU

NETENGELAYO

E KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETINI

IKELEKO

ISHITI ZEKOYI

## Impahla Yomtshato Yonke

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

## J. W.GARRETT & CO

LADY FRERE,

## IZITORA "EZITSHIPU."

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo Izihlangu Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA ne, MPAHLA EHAMBAYO.*

# PASCOE, (U FOLOKOCO)

UKE wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhatyi (eziyi Salvation zona), Ibhatyi (ezimfutshane)Nendulubhatyi.

Ingubo Zabafundisi, Isuti zenziwa njengomyalelo, Imisesane Yomtshato neye Ngeji (intlobo ngentlobo), Ibhutsi ne Shuzi (ezikaiayo nezingakaliyo).

## IMPAHLA YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmeka ye Ngesikazi. Odola Ilokwe yako ngexesha le Bhulakufesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga.

Imela Nefolokwe, ne Mpahla Yokupeka,—
Itshipu Ngokungummangaliso.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwake (Saluf) e

## QONCE, EMONTI nase CALA,

U-FOLOKOCO.

## BON MARCHE

## JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA KUMASEBE ONKE

I Blanket zamabala ziqalela kwi 1s. 7 ½ d., Amabhayi abubanzi bupindiweyo 11 ½ d., Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalela kwi 1 ¾ d. nge yadi, I ' Tweed ' eziqaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3 ¾ d. nge yadi, I Flannelettes 2 ¾ d. nge yadi, Ezona zilungileyo i Printi zama Jamani nama Bhulu 6 1/22 d. nge yadi, Ityali zoboya ezona Fishini zintsha ziqalela kwi 3s. kudo kube nga 30s. mye, I Quilts zamabala ziqala 1s. ll ½ d., I Quilts ezimhlope ziqala 2s. 11d., Amakulu amahlanu e “ knitted skirts ” 1s. 2d. inye.

*Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nkohlso. Kwisebe le lokwe (Drapery) ngexesha le Fandesi i 1s. ebifudula isapul1a nge xabiso le ponti iyakuyekwa.*

Isebe Lezinxibo lakwa BON MARCHE:

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. 11d. inye, I Suti zamadoda ze Tweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abanzi 2s. umnye, Ibhatyi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.

QONDISISANI KAKUHLE—Wonke ubani otengo izinxibo zexabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulelwa isheleni ezi ntatu (3s.)

JOHN W. BAYES & CO., BON MARCHE
GRAHAMSTOWN, E-RINI.

# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

# I-PRINTI .'.EZINTSHA,

3d., 4cL, 3d., 6d., 7 ½ d., 9d.

# GIBBERDI BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

U

## P. S. JEFFREY,

UNGA angababulela abatenga Evenkileni sake ngobubele bokumxhasa kwixesha eligqitileyo. Unqwenela ukwazisa

*Umzi ose Kamastone nase Hewu*

Ukuba ivenkile zake ezise

Kamastone, Didimana nase Donnybrook,

Zizele ngoku Yimpahla

## YALO MCHEBO.

UYITENGISA NGAGQITISELEYO NGOBUPANTSI WONA AMANANI E;ENGE NGEMALI UMNTU , Eziketiweyo zona Ibhulukwe Zamadoda—ezivulekileyo ezantsi. Izihlangu zamadoda ezizitende zide Izitofu—intlobo ezintsha. Ityali Ezibuhlungu Zoboya—zamankazana. Intlobo ze Printi.

—o—

Yonke into etengiswa ngabantu itengwa, ngemali, ngamaxabiso anokufunyanwa napi.

Uboya Begusha ne Bhokwe bufuneka mu.

—0 —

ZONKE IZIKWELITI ZALOMCEBO KUFUNEKA ZIHLAULWE PAMBI KOKUPELA KWALO NYAKA, okanye ziya kunikelwa kubaquki.

## J. NEW I NG

## Umwezi Wempahla,

(Ekoneni ye Maclean Square)

E QONCE.

UFUMANA IMPAHLA EZIPUMA NQO KUBENZI BAZO.

Impahla ze Tweed Zamanene.
Impahla Zamadoda Zekodi neze Krikete.
Intlobo ezintle kunene ze Printi Nemichako ye Lokwe.
Impahla Yokwaka yentlobo zonke,

*Ikofu ne Swekile, njalo-njalo.*

Yonke into intsha, ilungile, itshipu— Yizani kubona

Imveliso yomhlaba itengwa nge Cash ngamanani apakamileyo eMalike.
6msfrl81093


## EZINGE-MFUNDO.

SIFUNA i Teachers :—(1) Endakeni— ibe nesiqiniselo sakwa Rulumente ; nesimilo; ibe lilungu leramente. (2) E Ngwekazana, sifuna ekwanjalo. (3) Rode, sifuna ekwanjalo. Eyalapa e Rode eya kuncedisa enkulu. Abafunayo botumela ku REV. BOYCE MAMA, Rode, Mount Frere.
6 October, 1893.

## UKWAZISANA KWEZIHLOBO

Imibiko.

BENNIE.—Kubhubhe eTheopolis, ekuseni ngolwesi-Ne, 21 September, 1893, u Mrs. ANGELINAH 8. JAMES BENNIE, intombi ka R. Mnyakama isitandwakazi. Etshatile 14 inyanga.
312510

LOKWE.—E Waqu kubhubhe intombazana encinane ka John no Elizah Lokwe ngomhla we 23 September, ubudala : inyanga 11. Izihlobo mazamkele lombiko ngo sizi olukulu. 2tl810

YABO.—Kubhubhe e Cala ngomhla we 10 September, 1893, u BILL YABO. Izihlobo mazaneliswe sesi saziso.

BALINTULO.—Kubhubhe e Cala ngomhla we 14 September, 1893, u ROBERT BALINTULO. Izihlobo ezikude nezikufupi mazaneliswa sesi saziso.



# A. MELASS,

CHEMIST & DRUGGIST,
EKOMANI
(Ukangelene ne Ofisi Yamatyala,)

LAMAYEZA alandelayo Abantsundu, kwanawahleli enziwe kakade entlobo zonke, bahleli benawo

AKA MELASS Amafuta Apilisayo.
ELIKA MELASS Lokukamela Amehlo.
EKA MEI ASS Incindi Yezinyo.
AKA MELASS Amatontsi Endlebe.
OKA MELASS Umciza we Palo.
AKA MELASS Amatontsi e Stepu.
OKA MELASS Umciza wc Fiva.
OKA MELASS Umciza Wokohlokohlo.
OKA MELASS Umomelezi.
OKA MELASS Uhlikihla.
EZIKA MELASS Ipilisi Zoxaxazo-Gazi.
OKA MELASS Umciza Wesisu.
OKA MELASS Umciza Wegazi.

*Amayeza ezifo ezikataza Abantwa-bahleli benawo.*



## KWABAKUFUPI NABAKUDE

(Ngokukodwa AMA TRANSPORT)

## IMIXESHO YENYAMA NE ZONKA,

NINOKUYIFUMANA KO

Smith & Gregg,

UMELENE NAMAGQUBA APAKATI

## CAMBRIDGE || ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.


U KUVULWA KWE TYALIKE KWA ZIBI.

EZINCHUKA, kwa Zibi Sidinane, pantei ko Lundi, kuya kuvulwa India Yoku-tandazela ngosuku lwe 18 ku OCTOBER, malunga nexesha leshumi. Telelani mawetu yimpi leyo,

ZIBI SIDINANE.

Ezinchuka, 24 September 1893.

# IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-TATU, OCT. 18, 1893.

## Iveki.

UBIKWA nase Cradock umfulawenja.

KUFUNYENWE igolide e Kenhardt kwe lase Bolani.

LIXHISHINI nase Lusutu ukuqapulela ingqakaqa.

U SIR JAMES SIVEWRIGHT ubuyele e Kapa—usebuhlungu.

ULOLIWE wasc Beira osinga e Mashonaland uvulwe kwiveki engapaya.

U MR. RHODES ufike kwiveki egqitileyo c Salisbury e Mashonaland.

U CANON GIBSON wasc Mtata umiselwe ukuba abe yi Bishop encedisayo e Kapa.

I OFISI ka Dr. Cameron ihlangulwe seyisitslia kusasa ngolwesi-Hlanu e Kapa.

E DUNDEE (Natal) kubanjwe amafama amabini amhlope ngetyala lokubulala i Netevu.

AMASHUMI amatatu alamaqakamba (C.M.R.) ase Qonce ayafahla nje ukusinga kiva Mzilikazi.

ZIHLANGULWE sezisitsha izindlu zeziselo zesitishi sase Mgungundlovu ngo Mgqibelo ongapaya.

UBAPETE nzima isimanga umfulawenja e Bai. Kungcwatywa imini zonke— ngababini, ngabatatu, ngabane.

IGWANGQA elingu Samuel Scott linyatelwe yinqwelo lafa ngolwesi Tatu lweveki engapaya e Johannesburg.

KUFUNYENWE isidumbu somntwana omhlope sipakishwe ebbkisini emngxunyeni oyi Robinson Mine e Johannesburg.

ITOLIKI yase Pearston u Asaph Mayila ukululwe kwityala abebekwa lona lokudubula igwangqa elingu Frank Kuysman life.

IGWANGQA elingu Gates lenzakele lafa ngokuwa kumngxuma oyi Rietfontein Estate e Johannesburg ngolwesi Tatu lweveki egqitileyo.

NGO Mgqibelo ongapaya itreni yabasebenzi bakwa Mgibisa e Kimbili ipume emgaqweni yabukuqeka kwafa omnye kwenzakala iqela.

IDYONGWANA ye Bidu engu Willem Erasmus ife ngebaqo ibiselugqatsweni kwimidlalo yeholide ebingo Mvulo wegqitileyo e Kaladokwe.

ISITORA so Messrs. Leuchcrs no Hepburn e Johannesburg sipantse satshabalala mpela ngumlilo ngolwesi-Tatu lwengapaya. Idemetshe £4000.

IKEPU liwe kakulu kwelipezulu kwiveki engapaya. E Busman lifumbe kangangokuba itreni yango Mgqibelo ingabi nakunyuka de lasuswa.

NGOKUQUZUKA komhlaba kwindawo ebekumbiwa kuyo e Military Road e Bai kufe enye iNetevu, yenzakala kakubi enye ngolwesi-Tatu olugqitileyo.

I GQILI lizele lahamba pezulu ngeveki egqitileyo, liyigqumelele ibuloro yase Bethulie akabinakuwela uloliwe, abahambi nempahla bancedwe yibiiloro ye nqwelo.

KHE kwako idabi pakati kwenkosana zama Auwa o Magato no Siwaas e Transvaal. Kufe isibbzo ngaku Swaas, waninye ngaku Magato. Kusalindeleke elinye idabi.

IKARI ebikwcle o Mr. no Mrs. Keys no Mrs. Stoddert ipenuke xa ijikela ekoneni ye St. Pauls Road e Monti; balantsheka pantsi bonke, kwenzakala u Mrs. Keys, ngo Mvulo ogqitileyo.

KUBONAVE izidumbu ezisibozo zabantsundu ziroze ecaleni kwendlela eya e Ermelo e Transvaal, kuntsuku ntatu ziqungquluze apo. Izipata mandla bezisalinde kukutembiselana kwiveki epelileyo.

KUVAKALA ukuba abatunywa baka Lobengula bebengayele nto e Kapa ngapandle kokusa inewadi eya kwi Nlrosazana. I Ruluneli iyalele u Mtshiti (induna) ukuba ayokulindela impendulo yaloncwadi e Palpye.

U MR. JUSTICE MAASDORF, kumjikelo iveziqingata zelase mpumalanga walate; lwe ukuteta amatyala e Mtata ngolwesi Tatu, 25 October; kumjikelo welipezulu u Mr. Justice Hopley uyakuba se Steynsburg ngo Mvulo, 23 October, ize abese Cradock ngolwesi-Ne, 26 October.

IZIGANEKO zokuzala kwemilambo zivakala macalana onke. Amadodana amabini ase Mgqwakwebe wakwa Lose amke no Mngqesha egoduka ngobusuku bo Mgqibelo ogqitileyo. Kuko omnye omke ne Qonce emva kwedinala nge Sabata engapaya. Kuxelwa babini abemke ne Xesi ku Nqobokazi.

EMVA kwedinala ngolwesi-Tatu olgqitileyo apa e Qonce kubeko isipango esibe nemibane nendudumo eyoyikekayo. Umbane ubete indlu ka Mr. Hughes e Victoria Street, wahlasela umntwana obelele esifa watalantsha pantsi, wayiqengq' isiduli intombazana entsundu kwakona. Abenzakalanga kuyapi.

### ILIFU LEMFAZWE.

SIBESIHLELI simana ukutemba ukuba iyakunxwenywa imfazwe kwelakwa Mzilikazi. Elo temba kodwa lityumke kwapela ngeveki egqitileyo, kwakuba kuvulelwe ukuba imikhosi mayifunze. Alaziwa bani ixesha lokupela kwale ngxoboshishi; kodwa okulindelekileyo zimbubho ezinjenge zase Sandlwana kwa Zulu, kuba ngokukalipa nokulungiselela impi ka LOBENGULA ibisoloko ivakala ukuba inje ngeyakwa Zulu. Ukuze kube nje sisati tina ligazi lika Dr. JAMESON, umlauli wemicimbi ye Komponi epeteyo kwelo. Wawa kwakwinqina apa awafika wagxotisa kakubi, wadubula induna ezaye zipete impi eyayihamba isidla ama Shona. Yindawo engeyayigqitywe ngoxolo ngenteto no LOBENGULA, esikolwayo ukuba ubengafuni mfazwe. Akuko matanda u LOBENGULA yinkosi kwelo lake, nabelungu bafike baqesha amalungelo. Namhla bamvukele— siti tina ngendlela engentle. Ukubonisa ukuba ubengafuni mfazwe u LOBENGULA ude wandulula abatunywa benencwadi ebhekiswa ku Kumkanikazi. Ama Ngesi akwelo abeseleyifuna, kuba ebehleli elibikibiki elibanike ixhala kakade ama Ndebele. Nanamhla iyolelwa nje imikhosi asikukuba bekuhle nto yakubanga imfazwe. Kutiwa intlola zibhekise izitonga ngakumapolisa.

Kekaloku nezintlola zezenkosi ese xhaleni lokuba kuyaliwa, ingafuni mfazwe. Kodwa ngokwenteto yabelungu neqonqa lentonga lilungile ukubeta inja; yiyo lonto ke namhla isingetwe imfazwe nesizwe esimnyama.

### UMTUNGO EZIKOLWENI

OLWETU uluvo ngemfundo yomtinjana siyatemba ukuba luyaziwa ngelixesha ngabalesi betu, kuba sasoloko singaneliswanga kukuba umtinjana ube ziqodolo ngokufanayo nabafana emfundweni kuba sazeke umntwana oyintombazana ezakubuye abonwo yindodana imtabatele kuyo, ati nokuba ebeyi titshala ipele lonkonzo, angene kule yobufazi—yokupata indlu, ukupeka nokutunga. Kulemiqolo kade sibonisa ngale misebenzi mibini yokuqala siyikankanyileyo; namhla nje sisafuna ukuteta ngomtungo. U Dr. MUIR, Umpatiswa Mfundo, ukupe isaziso esibukali esikwicala lezakwa Rulumeni kwa kweli pepa le Mvo, sokuba: ukutatela kumhla wokuqala ka July kulonyaka uzayo yonke intombazana ekwizikolo ezipantsi kwake mayifundiswe ukutunga, umtungo ube sesinye sezifundo eziyakuba kwipepa lokuhambisa umsebenzi (Time Table) esikolweni. Umtungo ubusoloko uko kwizikolo zetu nakuba ubungaxeli nto kanyo; ngapandle kwezikolwana ezibini
nezitatu. Intombi ebezisakufundiswa umtungo kwezikolo zikulu zezona kanye zingazi nento le. Ngo 1887 kwaka kwaboniswa imitungo eyayitunyelwe kwi Zibhishini eyayise Rini—eyayivela e Dikeni, Nxukwebe nakwa Ndlovukazi, nezinye izikolo zolohlobo. Intoni ke ! yaba mbalwa kakulu impahla angati umntu yayitungwe ngendlela ukuba nga yayiko. Kwenye yehempe zamadoda eyayivela e Nxukwebe amaqosha ayengase kohlo endaweni yokuba abe ngasekunene; into eyaba mbi kukuba igama lentombi leyo lalibekiwe kulobempe ingamkelekiyo, Nawo ngokwawo umtinjana siroro sawo semihla ngemihla esi sokuba “ Asifundiswa ukusika nokudanisha. Siyasikelwa ngu ‘ Miss.’ ” Kauyifumaneke lantombi ngoku ingunozala. Wofika indoda ibekelwa iziziba ngabasiki, irola imali kuba umfazi engakwazi. Intsapo ufike inxibe amagxwausha engubo angaxeli nto ; nonina ngokwake elumane wazenzela into engayi nga kona ngokukohlwa. Ngokomelezela kuka Dr. MUIR kwelisebe sinetemba lokuba eziroro sizibekileyo akuyikuba ntsuku zininzi zingapeliswanga emva kokuba lomteto sewuhanjiswa; emayibe “ idyongspan ” iyakufumana “ ondofanaye ” ababhetele mbaimbai. Bekungancomeka kakulu ete u Dr. MUIR warola imviwo zomtungo nokupeka, wati umtinjana ogqwese omnye wanikelwa izatifikiti zokuwazi umsebenzi. E Nxaruni namadodana u Mr. ELY ute mawafundiswe ukutunga ukuze angaxakwa akuba kwanti-zitshile, naxana mhlaumbi ate aqotswa ngabafazi aya e Ligwa akwazi ukuzitungela.

## Impawana.

IMIKOBA EHLELI ILUNGISIWE.

ELINYE lamapepa ase A Bai lenze inqaku ngesiko elaziwayo kunene lama Bulu—ukuti kanti ehleli nje umntu selezenzele umkoba wokumngcwaba, ahlala, ahlale, amane ukuzilinganisa kuwo. Kckwati, kweziveki zipelileyo, ifama lase Free State, xa lizakutshata nomhlolokazi ongu Nel, kwabonakala ukuba liyifudusele kumzi walontokazi impahla yalo. Kulompahla kute kanti kuko nomkoba wokungcwaba unkomo —nyakana wafa. Ayotukanga intokazi, kuba ilisiko elazekayo kololuhlanga.

OQHOTSEKILEYO. INJA zoyikwe okunye, ibizinto ezihleli kakade zisoyikeka, njengokuba zingenwe ngu Mgada e Bai. Ngobunye ubusukwazana apa ute umlungu egoduka ngomnyama wabona ngenja seyonde ngaye. Kute qata inkumbulo yokuba mayibe ingenwe ngumgada, waselecela koxongo, wakwela emtini okufupi, apo ahleli ubusuku bonke inja nayo ingemki. Kute kwakuti qeke ukusa, wamangaliswa ukufumana ukuba kuhleliwenje yinja yake, ibimbungezela kodwa!

UMKUHLANE. E QONCE. NGEYIZIFUMANA inehlazo impi yomzi odume njenge Qonce yakuva ukuba Umhloli-Zikolo, u Mr. Howe-Ely, uti izikolo zabantsundu balapa zahlala zinomkuhlane. Oko kubangwa kukuba abantu bezenze into ezinokupumelela zona naxana zingafundiswanga. Kanti ke mbaimbai xa imisebenzi yezandla inqabileyo, ngenxa yobuninzi babantu kunoku, baya kubona ukuba ngebabafundisayo abantwana banyanisa ukuze babe nokuzinceda ngendlela yokuzixasa. Umzi ontsundu omele i Qonce mawuzivutulule kwelihlazo. Izikolo zizaliswe yintsapo eyakunyanisa ukufunda; oko kukuti ihlale iko ezikolweni.

IHABULUSAKA ZASE TRANSKEI. UMHLOBO wetu obeke wahambela e Transkei ubuye esincomcla eze-mitshato kwelo; kobe ungase lwandle e Nqa-bara kude kwacingwa ngokumenywa no Mhleli we “ Mvo ” ukuba aye kona; ate umhlobo wetu waselemlandulela ngokuti ubengasakuba naxesha. Mininzi imitshato pesheya kwe Nciba ngangokuba bakohlw’e ngamanqaku amatsha okuyenza ibaluleke ngakumbi ngakumbi. Uti kodwa csitsho uwetu abe esiti enye into ekwankulu kushiywa kwabafazana lulutsha. Indodana ayidendi kungoku ukuxabasha “ ihabulusaka ezel’ umoya.” Lonto ikwanga ngemitshato. Akunatitshala kulento. Iba mnyakamnye itshatile indoda irentule. “Bayapina?” Uwetu ufike angazi. Kubike.

APO BAYA KONA. APO lamagxausha ehabulusaka atulwa kona sikufumene kulencwadi siyihlomelayo ebalwe yindodana ese Jagersfontein e Free State:—“ Nantsi into endifuna ukuyiva kohlala e Transkei—yile yokuba i Teachers zase Transkei zipelela apa e Jagersfontein, ezinye zishiya izikolo abantwana behleli bodwa. Mna ndilila ngabazali babantwana; nditi fanukuba i School Fees abayiroli kakuhle, ke nditi mabayikangele lendawo. Apa abazikabi abelungu bazirolela inqaba, nxa ziqutiswa zibetwa ngoniplni wepeki; akakatali owalapa umlungu nayi grammar yendoda. Izimamhlaba zase Transkei maziqonde ukuba zibulalisa abantwana babantu. Ziti zigxotwa zizikweliti. Azike abantwana bofundiswa yinina xa i teachers zingahlaulwa ? Nditi zingagqita eshumini ezilapa. Ke ngendlela yokuba zingaqelanga ukubamba izinto ngezandla, kunzima.”

“ WHAT IT IS TO BE THERE.” E JAGERSFONTEIN, apo siva ukuba zikona ititshala zase Transkei (zona aziyi e Ligwa), kuxelwa ezi ngu Mr. S. P. Gawe:— “ Libalele apa, kude kubonakale okokuba xa ingati imvula ingani ngale nyanga, isiko1obo singanqapazeka. Enye into bati abantu ndakubuza okokuba yinina bengayitati nje ‘ Imvo,’ bati—hai tina asinako kuba uti u Jabavu xa ebala ‘ Imvo ’ ngesi Ngesi atsho ngezintsokoto zesi Ngesi, ke abanye abafundanga kakulu, kodwa bayatanda ukuyitata baxakwe singesi esipezulu. Sitobe Mhleli nam nditsho.” Nesingesi sesipumile! Xa kunjalo namsa’ kuba sazikataza ngesi Ngesi bonkabi, senibamba zisima kweyase kaya nikumbula iqalo eliti *“ Ne* sutor ”
&c.

## I DIPENDE.

Intlanganiso yabafundisi nabatunywa beli hlelo ibidibene e Komani ngo 21 de kwango 27 September, 1893.

ABAFUNDISI ABABEKO

abamhlope :—Revs. F. P. Barrett, *Kokstad ;*Buchler, *Johannesburg;* W. Dower, *Port Elizabeth;* D. W. Drew. *Johannesburg ;* F. J. Ecclestone, *Burghersdorp;* W. Forbes, *Cape, town;* J. Harper, *Kingwilliamstown;* J. C. Harris, *Capetown;* S. J. Helm, *Grahamstown;* T. G. Jones, *Hackney;* J. T. Lloyd, *Port Elizabeth ;* J. Mackenzie, *Hankey ;* C. Philips, *Graaff Reinet;* Peart, *Paarl;* J. Pritchard, *Port Elizabeth;* J. Ramage, *Cradock ;* M. Richardson, *Oudtshoorn;* J Rogers, *Kimberley ;* J. P. Ritchie, *Queenstown;* M A. Wilson, *Peelton.* Abantsundu :—N. Goezar, *Port Elizabeth;* G. Tyamzashe, *Kimberley*; T. S. van Rooyen, *Bethelsdorp;* S. P. Sihlali, *Solomonsvale, Transkei; W.* B. Rubusana, *East London:* 8. Matolo, *Bultfontein;* N. Matodlana, *Weston, Hankey.* Abatunywa (Delegate) abantsundu: Messrs. E. Ngesi, T. Sohalube, J. Molepo, W. Arends, *Port Elizabeth ;* Chief Xayimpi Kakaza, Mciteka, *Hackney;* J. Mtila, *Solomonsvale, Transkei;* N. Magabela, A H. Maci, *Peelton;* Tyekana, *East London;* D. Dwashu, *Donning ton;* N. Lindi, J. January, H. Gordon, *Kimberley;* J. Lukalakala, John Wesley, *Queenstown;* J. Speelman, P. Stuurman, *Bethelsdorp;* Weis, *Paarl,—Cradock.*

UMONGAMELI

ibingu Rev. J. Mackenzie, ote wasizukisa isihlalo eso, ngengqondo, nobugeisa bokupata intlanganiso; enjalonje lomfo enonyamezelo olukulu, elinika ituba ngakunye kuye wonke ubani osukuba enezvi kumcimbi osazeke uxoxwa—zabila zisomu ke ngoko into zo Rubusana esi Xhoseni, nezo Van Rooyen kwi Dutch.

UMQULU WABAFUNDISI.

Abangeniswe emqulwini wabafundisi ngo Revs. Messrs. Wilson, Peart, Buehler, Rogers, Hallack no Riley. Abaziroxisileyo kuwo, ngo Revs. Dempers, De Villiers, Newcombe.

UBEKO LWEZANDLA.

Kugqitywe ukuba umvimbi wokubekwa izandla kuka Mr. Rogers, opete iramente yama Lawu e Kimberley ulungiselelwe ngo Revs. Richards, Tyamzashe no Ashton belo le Mbokotwe. Kwamiselwa ukuba u Mr. Buchler opete kwa eyama Lawu e Rautini abekwe izandla kwa isapetwe intlanganiso.

Kwingxelo ye Executive Committee, sipaula ukuba ngetuha lokuziroxisa emsebenzini kuka Mr. Newcombe wase Aberdeen, indawo yake isagcinwe ngu Mr. Weis wase Murraysburg, eka Mr. Weis indawo isageinwa ngu Mvangeli u Stewart.

ABAVANGELI.

Kungeniswe lamagama alandelayo emqulwini wabavangeli:—Stewart, *Murraysburg;* Groenewald, *Petersburg;* Armstrong, *Bethesda;* John Wesley, *Queenstown;* Zazaza S. Mbewana, *East London;* 8. Memani no John Kayser, base *Bhai.* Abibini bokugqibela banomnqweno wokuke baye emfutweni. Londawo yashiyelwa ezandleni ze College Committee. U Mr. Peter Hewu, umvangeli omdala wase Kingwilliamstown unyanzelwe bulwelwe ukuba awubeke pantsi umsebenzi abesoloko ewuquba ngenyameko enkulu.

Kuvunyelwene ukuba ubavangeli abazuza uncedo lwenxaso kwi Union balindelwe ukuba babe nokufundisa nase zikolweni zemini. Ze kananjalo batumele ingxelo zomsebenzi wabo kwi Excutive, zidlule kubafundisi ababongameleyo.

ITYEYA-NDYEBO YE UNION.

Umbhali walamanqaku umsizi ukuba ingxelo semali ezivela kwi ramente ngeramente engabanga natuba lakuzifumana kakuhle ngendlela yokuba abe nokuzidwelisa kule miqolo.

Indawo eziphokeleyo li Bhai elenze £135, ne Kapa elenze £88 Zaye nezinye indawo zimi kakuhle ezipetwe ngoma Hackney, njalo-njalo. Iveki yokuzikanyeza yatsho nge £140; laye i Bhai likwakokele. Iyonke ebisengxoweni kulonyaka ifikelele kwi £823, incito £443. Ziseliqela iramente ebezinge katumeii nto kumgcini-ndyebo.

Indawo ezizuze

UNCEDO LWENGXASO

kwingxowa ye Union zezi:—Paarl, £50;Graaff Reinet, £60; Worcester, £60; Uitenhage, £40; Burghersdorp, £60 ; Aberdeen, £40; Kimberley, £50; Bethesda, £20; Weston, £10; Kruisfontein, £10. Iyonke: £330. Kwi Kaffrarian Mission Fund — Peelton, £100; Johannesburg, £75; East London, £75; Transkei (Mr. Sihlali naba Vangeli abatatu), £95; Donnington (Umvangeli), £10, atumele kuqala ingxelo yomsebenzi wake. lyonke: £385. Indleko zomele i Union eluguqulweni lwe Zibhulo, £5; i £10 zezokuncedisa Nobhula we Union kwindleko azitwala ngenxa yendwendwe (kuba kaloku lomfo use zibukweni apo zidla ngokupuma kona nezivela pesheya). I Ronoskapu isazimisole ukuluquba kwakona uncedo lwayo lwa £300 ngonyaka okweminyaku emitatu. Yiyo lemali kambe yaziwa ngegama eliyi “ Kaffrarian Mission Fund.” Ingabuye iluqubele pambili oloncedo nasamveni kwalotninyaka ukuba itunyelwa ingxelo ezanelisayo ngokusetyenziswa kwalo mali.

ABACELA UMSEBENZI.

Lamadoda amagama angezantsi abecola umsebenzi, akwabiko ndawo igqitywayo ngawo, alahlelwa kwi Executive Committee, —Messrs. Bulmer, Riley, Ward, Rayner, Stewart and Kropholler.

IMICIMBI EPATELELE EZIRAMENTENI.

*Cala :* Ibandla elilunge ne Cala, elipantsi komfundisi u Sihlali, bolinesicelo sokuba linikwe umfundisi oyakuba ngowalo lodwa, ekubeni u Mr. Sihlali ebanzi ngomsobenzi. Liyalelwe ukuba liqale lakhe indlu yomfundisi, lakukov’ukukwenza oko landul’ukuwungenisa lomcimbi ngendlela eyiyo, usuka kwintlanganiso ka Nyanga-ntatu yeramente ipela ka Rev. S. P. Sihlali. Gqibi ke. *Uitenhage:* Iqela elapuma e Roselane Church ku Rev. J. van Rooyen belicela ukuba likangelwe njengenye yeramente ezisekiweyo ze Union Kumiswe i Komiti yokudibana nomfundisi u Mr. van Rooyen kuxoxwe naye ngendawo ezingati mhlaumbi zibo nokawunceda umsebenzi kulompi yama kumsha. *Gilton*; Ngomcimbi wakwa Nomadolo kumiswe i Komiti eyakuya kona, iwuqwalusele ngocoselelo lomcimbi inike ingxelo kwintlanganiso eziyo. *Bultfontein:* U Rev. S. Matolo wase Bultfontein, ekubeni ingaseko ngamatuba mnfuduko iramente abeyipete apo, wamkele isicelo sokuba aye e Mante kweli Bahlambeli. Isi sendlu yetyalike yakona siyakufundwa yi Executive. *Kimberley:* Umcimbi obungeniswa yiramente yesi Xosa e Kimberley ayiwamkelanga i Union yakuba iqondisisiwe yi Komiti yayo ukuba lomcimbi ungeniswayo uvusa isigqibo ekwapetwa ngaso kunyaka ogqitileyo.

Akuyibuyisa umva u Mr. Forbes indawo abeyingenisa yokuba iramente mazitumele inani labatunywa (delegates) bazo ngokomgqaliselo wernali esukuba igalelwe yiramente nganye kwityeya-ndyebo ye Union, ngecebo lika Mr. Sihlali kumiswe i komiti eyakuwuqwalasela lomcimbi ize oko ifikelele kuko ikungenise kwezayo.

OFUNDISA AMADODANA E DIKENI.

Kwamkelwe ngosizi iugxelo ka Rev. T. Durant Philip ehamba nesaziso sokuba uhlalel’ ukuwubeka pantsi umsebenzi awupeteyo (ngo June ozayo) wokusiqeqeshela

Amadodana e Lovedale, ngenxa yobulwelwe obuya bumbandezela; waye umfo kananjalo Belekhulile. Kwavunyelwana ukuba umae benzi lowo uqutywe e Dikeni kwanjenga ngapambili; kufunwe indodana entsha, entliziyo yendeleyo emsebenzini engati ngamaxesha eholide ihambe pakati kwe ramente, ipembelele unonelelo lwazo kumcimbi wemfundo ukuba uxhaswe ngemali nangezi *tyudeni.*

Kwakona i Executive yacelwa ukuba yenze amalungiselelo e Jubilee yeso sicaka 80 Sombawo (u Rev. T. D. Philip) oyakugqiba iminyaka e 50 kulo uzayo, etwele iyokwe yobufundisi.

I UNION.

Le Union ivumelene neyase Natal ukuba zidibane, ube ngumkosi omnye, nakubeni zingati zibeko indawo elingati lilelo icala lizilungiselele ngapandle kwelinye.

*Union is strength,* watsho owamanyange sisatsho nanamhla.

INCWADI.

Incwadi yezikonzo zokungcwaba, ukutshatisa njalo.njalo, ekwakugqitywe kogqitileyo unyaka ukuba mayenzelwe iramente zaman Dipende, yalatelwa i Konaiti, ibuye yanikelwa kwase Komitini, enikwe igunya lokuyishicilela yakngqitywa, ngesi Ngesi. I Dutch nesi Xhosa. Kwakona ezamaculo ze Dutch nesi Xhosa, zanikelwa ezikomitini zokukangela ukuba azinakuhlaziywa na, kwandiswe apo kufunekayo.

Incwadana yemiteto yeramente ekubonakele ukuba iyafuneka kakulu, yoshicilelwa yi Executive xa *ibona* ukuba ingazitwala indleko ezo.

INGXOWA YABAPUMLI.

Kuvunyelwene ukuba kuqalwe ingxowa yokuncedisa abafundisi abate ngenxa yobulala nobulwelwe bawubeka pantsi umsebenzi *(active work)* wobufundisi. Ushiyelwe ezandleni zo Nobhala we Union u Rev. J. Pritchard oyakulinga intsusa-mabandla yalongxowa kulonyaka kufunzelwe kwi £1000 pambi kokuba kucukunyiswe nto kuyo.

Indawo ekulungiselwe ukuba zifumane abafundisi okanye abavangeli, zezi;—Barkly West. Ugie ne Zoutpansberg.

*Bedford.*—Le ramente yase Nyara isand' ukushiywa ngumfundisi wayo u Rev. J. F, Philip ngetuba lokungabi nampilo intle. Kufunyenwe u Rev. Mr. Layton wase Halifax, Pesheya ozakutata londawo.

UMHLABA WABANTSUNDU.

Emva kwengxoxo eshushu ngomcimbi wokumiwa komhlaba ngabantsundu. Kwavunyelwana ngendawo yokuba " Le Union iyalezela indawo yokuba wonke umhlaba omiwe ngabantsundu ukangelwe njenge ' Nqila ezilondoloziweyo ' (Reserved Areas) ekungavumelekileyo ukuba kubeko mlungu nngena atenge isiziba kuwo, zize ezi ' Nqila ' zigcinwe nge Taitile Zobuzwe (Tribal Title) ezihamba neziqiniselo (certificate) zomutu ngamnye ongummi, ze kananjalo kuvakaliswe ngegunya ukuba lomhlaba awuna kutengiswa nakubani ofuna ukuba ngummi wawo engenguye okwantsundu, ubeke ngokwenjiwa njalo ukweleliewa kumatuba entengiso (market) okwexeeha elingengapantsi kweminyaka e 20." Ziko ke izihlo. melo kwesiseigqibo ezibonisa ukuba akulindelwe ukuba ezi "Nqila" zomana ukuba zindawo ekuxhontelana kuzo izizukulwana ngezizukulwana zabantsuudu. Nakubelungu ifama inye ayilutwali usapo lwalomzi kuse kwizizukulwana ezininzi ludibene lonke kuyo. Lwakwanda usapo kubuye kukangelwe ezinye indlela olungapila ngazo.

Omnye umcimbi oko waxutyushwa kanobomi ngowe mfundo yabantsundu, ekubonakala isingelwa ezantsi nga ma-Bhulu, waye nomongameli wemfundo ngemvo zake kubonakala ngati udulusele kwakwelo cala *lo "nkabi " abo.* Kuyoyikeka ke ngoko ngemfundo yohlanga. Lomcimbi unikelwe kwi Komiti ukuze iwuqwalasele.

Intlanganiso yonyaka orayo ayikaziwa indawo apo yodibana kona, kolungiselelwa oko yi Executive. Mhlaumbi ingase Rafu okanye ibeee Nyara.

ABASHUMAYELI KWEZAYO.

Isi-Ngesi, Rev. W. A. Richards ; isi-Dutch Mr. J. Mackay, M L A.; isi.Xhosa, Rev. N. Matodlana.

